



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI-9

NOVEMBA 2019

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 30

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo **amaTHATHU**:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)

ICANDELO B: Isishwankathelo (10)

ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (20)

2. Funda imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo ekwiphepha lemibuzo.

4. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

5. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.

6. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo xa uphendula.

7. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha.

ICANDELO A: IMIZUZU ENGAMA – 50

ICANDELO B: IMIZUZU ENGAMA – 30

ICANDELO C: IMIZUZU ENGAMA – 40

8. Bhala cacileyo nacocekileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBULO 1: ISICATSHULWA**

Funda isicatshulwa esingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

ELINYE ICALA ELIGQWESILEYO LIKAKELLY KHUMALO

- 1 UKelly Khumalo sele kuqhelekile ukuva okothusayo ngaye. Fudula enengxaki yeziyobisi kwaye kwavakala ukuba wayexhatshazwa yimvumi uMolemo “Jub Jub “ Maarohanye, utata womntwana wakhe wokuqala. Ukhe waphelwa yimali waze wahlelwa nalilifu elimnyama lokubhujelwa yindoda yakhe ekwangukata womntwana wakhe wesibini, ukhaptain nonozinti weBafana Bafana uSenzo Meyiwa. Abantu abaninzi babesithi **uqalekisiwe** ngenxa yendlela eluphela ngayo uthando lwakhe.
- 2 Nangona oku kwakumhlupha uye wakwazi ukuphakama azivuthulule. Ngoku ungumzekelo wokuba umntu uyakwazi ukuphila ubomi obumnandi nobunenjongo nangona kukho amaqhina. Rhoqo ezibhaqa ekwimeko yokugxekwa, uvele ayibethise ngoyaba. UKelly uthi ukholo lwakhe yintsika yakhe. Le nzwakazi ikholelwa ukuba amandla aphefumlelwa ngawo nguMdali ngawo atsiba ngaphaya kwezinto ezimbi ezizama ukumtshabalalisa.
- 3 Lo mlonjikazi ukhethe ukungaqwalaseli kwiimpazamo neentlungu. Ukholelwa ukuba uza kugqwesa ekuphileni ubomi bakhe. Into yokuqala ayenzileyo kukuthandana nesiqu sakhe. Uneminyaka emithathu engenamntu kwaye akaleqanga ukuyitshintsha loo nto. Uwuqale unyaka u-2018 esemfuthweni nemincili yokuqala iiprojekthi ezikhethekileyo. Unendima ayidlalayo kuZulu Wedding. Lo mdlalo ukwanaye nomlinganisi waseMelika uDarin Hanison nomlinganisi weli ohlala eLos Angeles uNondumiso Tembe. UKelly udlala indima yokuba libhinqa elithanda imali nelitshata nendoda kuba licinga isisityebi. Zange aye kwii-auditions, abavelisi bayo bavela bafowunela umphathi wakhe naye walitsibela elo thuba.

4	Akaphelanga kukulinganisa ukwasebenza kwicwewe lakhe lesibhozo elithi Unleashed. Kowe-2017 uye wakhupha ingoma ethi Lovely Fool ecula nobefudula ecula kwi-Idols uKyle Deutsch. Uthi ayifani neengoma zakhe zesiqhelo kuba akafuni kwaziwa ngohlobo oluthile lomculo. Ubongoza abalandeli bakhe ukuba balindele okuninzi okungalindelekanga kuye nkqu nomculo weRock.
5	Emva kokubhubha kukaSenzo ngo-Oktobha 2014 uKelly waziva enentumakelelo yokunceda amanye amabhinqa azibhaqa ekwimeko enje ngaleyo naye wayekuyo. Nangona okuya kubhujelwa kusatshotshozela nangoku ngaphakathi kuye noko akasanxunguphalanga. Ukholelwa ukuba uyimfuneko umbutho onceda amabhinqa amelane nokushiywa ngamaqabane awo. "Ndikwangumntu oyiqonda kakhulu loo nto ndicinga ukuba iza kuba negalelo kakhulu." Utsho uKelly.
6	"Ukumamela le nzwakazi ibalisa ngendlela ebubona ngayo ubomi kuye kwandihlaziya umphefumlo endaweni yokuba ndityhafiswe ngamabali ayo esiwafunda emaphepheni." Utsho umbhali wenqaku.

[Sicatshulwe *kwiBona* magazini kaJanyuwari 2018 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 Chaza iingxaki zibe mbini ebekhe wanazo uKelly. (2)
- 1.2 Nika igama elikwathetha into enye neli libhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.3 Chonga isivakalisi esikwathetha into enye nale ntetho ingezantsi.
Naxa wayengavi kamnandi yimeko yakhe kodwa wakwazi ukumelana nayo. (1)
- 1.4 Eli binzana likrwelelwe umgca ngaphantsi lithetha ukuthini?
Rhoqo ezibhaqa ekwimeko yogxeko uvele ayibethise ngoyaba. (2)
- 1.5 Ungathini wena xa unokuba nabahlobo abakugxekayo? (2)
- 1.6 Luluvo /Yinyani. Amandla omdali atsiba ngapha kwezinto ezimbi esidibana nazo. Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.7 Yintoni eyokuqala awayenzayo uKhumalo ukutshintsha ubomi bakhe? (1)
- 1.8 Lithini igama lomdlalo awayelinganisa kuwo uKhumalo? (1)
- 1.9 Wayedlala eyiphi indima kumdlalo owuchaze ku 1.8? (1)

- 1.10 Yinyani/ Asiyonyani. UKelly Khumalo zange awufune lo msebenzi wokulinganisa koko wamzela. Zixhase. (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.11 Sesiphi esinye isiphiwo awayenaso uKelly Khumalo? (1)
- 1.12 Yeyiphi eyona njongo yombutho owasekwa nguKelly? (2)
- 1.13 Ucinga ukuba amabhinqa akule meko aya kuza ngobuninzi kulo mbutho kaKelly? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.14 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. Nangona okuya kubhujelwa kusatshotshozela,,,,, (2)
- 1.15 Ufunde ntoni kweli bali likaKelly Khumalo? (2)
- [25]**

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

Qwalasela lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.



[Sicatshulwe kuwww.google.com]

- 1.16 Ubona ntoni emfanekisweni? (1)
- 1.17 Aba bantu bakulo mfanekiso bavakalelwa njani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.18 Isicatshulwa A sifana ngantoni nesicatshulwa B. (2)

[5]

AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI**

Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi. Kwesi sicatshulwa kuthethwa **ngodumo** sishwankathele ngawakho amazwi kodwa ungawutshintshi umxholo.

QAPHELA: Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Isishwankathelo sakho masiquathe iingongoma eziSIXHENXE ungedluli kumagama angama-70 ukuya ku-80.
- Sibhale sibe **ngumhlathi**.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

UDUMO

- 1 Eli gama lithi 'ukuduma' lithetha ukwaziwa ngabantu abaninzi kwiindawo zonke, ezikude nezikufutshane, ngenxa yesizathu esithile. Zininzi ke ezi zizathu zinokumenza umntu adume. Nangona umntu esenokwaziwa ngezinto ezimbi, eli gama selivame ukusetyenziswa xa kubhekiswa ekwaziweni ngezinto ezintle.
- 2 Eli gama lithi "udumo" lizalana kakhulu neli lithi "umdumo", kuba kaloku xa into iduma, eso sandi isenzayo sifikelela nasezindlebeni zabakude. Isenzo esihle siyafana nomdumo osandi sawo sitsiba iinduli siye kuvakala nakwabangaphaya kwazo.
- 3 Ukuba nodumo ke yinto enkulu kakhulu nelangazelelwa ngumntu wonke. Kangokubaluleka kwalo udumo thina maXhosa side sithiye abantwana bethu ngalo. Kukho ooDumile, Dumalisile, ooDumaphi, ooDumezweni, ooNdumiso, ooZodumo, ooDumisa, ooDumisani, ooLudumo nooDumakude. La magama zizipili zeminqweno yabazali ngabantwana abo okanye zizibongwana ezikhumbuza ngezinto ezithile.
- 4 Lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo. Lidabi elintlantlumbini. Ngelinye ixesha liliwa ngumntu ngamnye esilwela ukuba azifumanele udumo yedwa. Kanti ngelinye liliwa liqela okanye amaqela abantu. Ingangabantwana besikolo nabafundisi-ntsapho bezamela ukuba isikolo sabo saziwe phi naphi. Ingangamaqela emidlalo. Ingaba yimibutho ngemibutho yabemi beendawo ngeendawo.
- 5 Udumo lomntu omnye okanye olwabantu abaninzi luphathela udumo indawo leyo bahlala kuyo. Iba yinto enkulu kakhulu kubemi bendawo xa indawo yabo isaziwa ngabantu beendawo ezikude. Ngesi sizathu ke uya kuva kusithiwa emntwini, "Uze ungasiphoxi. Sikhuphe wena nje sikhuphe owokugqibela."

- 6 Kungatshiwo ke ngoko ukuthi umnqweno wabantu wokufumanela indawo yabo udumo uzala intsebenziswano, ugxothe oozinkcuku, kuba olu dumo luba libaso elibatsala kunye bonke.
- 7 Kule mihla abemi beendawo ngeendawo bade babile besoma bezama ukuba iindawo zabo zibe nodumo. Kwiidolophu ezininzi kukho imibutho esekwayo ngoomasiphalati ngeenjongo zokunyusa amagama azo. Eminye yale mibutho isekwa ngabemi kuba nje beneqhayiya ngendawo yabo, befuna ukuba iqaqambe phakathi kwezinye. Kukho iimali ezinkulu ezichithwayo ukunika ezi dolophu udumo.

[Sithathwe kwincwadi ethi – Imfincamfincane ngokubhalwe ngu Z.S Zotwana saze salungiswa.]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: UKUHLALUTYA ISIBHENGEZO**

Funda esi sibhengezo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

LAPHUM'ILANGA EXTRA CLASSES

Ukuphumelela kwakho liphupha lethu

Uyakufuna ukuphumelela ngamanqaku aphezulu?

Bhalisa ngoku izithuba zimbalwa.

Uza kuziphumelela zonke izifundo zakho emagqabini.

Sinezifundo zebanga lesi-8 ukuya kwele-12.



Qhagamshelana nathi:

074 1000 247 / laphumilanga@gmail.com

[Umfanekiso uthathwe kwiwww.google.com]

- 3.1 Kutheni igama uLaphum'ilanga libhalwe ngoonobumba abakhulu? (1)
- 3.2 Sithini islogan sale ndawo ibhengezwa apha? (1)

3.3 Uphawu lombuzo kwesi sivakalisi lusetyenziselwe ntoni?

Ingaba uyakufuna ukuphumelela ngamanqaku aphezulu?

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:-

- (a) Ukubethelela uluvo ungaphenduli.
- (b) Ukubethelela uluvo uphendule.
- (c) Ukungafuni impendulo.
- (d) Ukufuna impendulo. (1)

3.4 Chonga isivakalisi esinolwimi oluqhathayo kwisibhengezo. (2)

3.5 Sithini isizathu sokusebenzisa umfanekiso kwesi sibhengezo? (2)


3.6 Kufundiswa izifundo zawaphi amabanga kule ndawo? (1)

3.7 Esi sibhengezo sijoliswe koobani? (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUHLALUTYA IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



[Ithathwe kuwww.google.com]

4.1 Kuphi kule ndawo ikulo mfanekiso. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Umntu onentetho enonjolwe B uvakalelwa njani? Xhasa impendulo yakho ngokuchaza into ibe nye. (2)

4.3 Umntwana onentetho enonjolwe A uvakalelwa njani sisenzo esenziwa ngabanye abantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

- 4.4 Umntu okwisagela C uphethe ntoni. (1)
- 4.5 Into eyenziwa ngumntwana okwisagela C inganaziphumo zithini kwabanye? (1)
- 4.6 Ngokwentetho yomntu ononjolwe B ingaba wena ucinga ukuba baza kupasa ngenene? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5

Funda esi sicutshulwa, uze uphendule imibuzo.

UMFUNDI WEENDABA

UThabile Mbhele ukhule enqwenela okwahlukileyo kunemisebenzi yaseBulwer Kwazulu Natal. Oontanga bakhe babenqwenela ukuba ngootitshala namanesi, yena wanqwenela umsebenzi oza kunika abantu ulwazi. Wafundela ubuntatheli. Wayezimisele kwaye esebenza nzima esikolweni ukuze agqwese. Kwakungathi akade agqibe ukufunda ukuze afezekise iphupha lakhe lokuba yingcali yosasazo. Akugqiba wazijul' ijacu kubuntatheli. UThabile uthi, "Ndiyawatsibela amathuba kwaye loo nto indisa kumanqanaba aphezulu." Ukuzimisela kwakhe kumzisele iimbasa eziliqela. Ukufundela abantu iindaba kuyoyikeka kuba kumnika uxinzelelo lokuba angaphazami. UThabile ufuna ulutsha luzince ngelwimi zalo kwaye lulandele imisebenzi ephuhlisa zona.

[Sithathwe *kwiBona* kaJuni 2017 saze salungiswa.]

- 5.1 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi sisivumelanisi ...
Khetha impendulo yakho kwezi zikwizibiyeli.
UThabile ukhule enqwenela okwahlukileyo. (sentloko/ senjongosenzi) (1)
- 5.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.
Oontanga bakhe babenqwenela ukuba ngootitshala namanesi. (2)
- 5.3 Fakela esinye isimaphambili kwesi sibizo sibhalwe ngqindilili.
Wafundela **ubuntatheli**. (2)
- 5.4 Sebenzisa esi sibizo sibhalwe ngqindilili kwesinye isivakalisi ukuze kuphuhle enye intsingiselo yaso.
Agqibe ukufunda ukuze afezekise **iphupha** lakhe. (2)

5.5 Kutheni esi sibizo sibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singenalo iceba.

Loo **nto** indisa kumanqanaba aphezulu.

Khetha impendulo yakho kwezi zilandelayo.

Kungokuba siza emva kwesimelabizo ...

- (a) Soqobo sogxininiso.
- (b) Sokwalatha.
- (c) Soquko.
- (d) Soqobo.

(1)

5.6 Guqula esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho.

UThabile uthi, “Ndiyawatsibela amathuba kwaye loo nto indisa kumanqanaba aphezulu.”

(3)

5.7 Nika intsingiselo yesi saci sibhalwe ngqindilili.

Akugqiba **wazijul'ijacu** kubuntatheli.

(2)

5.8 Khupha igatya eliyintloko kwesi sivakalisi singezantsi.

Wayezimisele esebenza nzima esikolweni.

(2)

5.9 Tshatisa uKholam A kunye noKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
1. Iphupha lokuba yingcali <u>yosasazo</u> .	(a) Isihlomelo
2. Loo nto indisa kumanqanaba <u>aphezulu</u> .	(b) Isiphawuli
	(c) Isimnini

(2 x 1)

(2)

5.10 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi silandelayo.

uThabile ufuna ulutsha luzince ngelwimi zalo.

(3)

AMANQAKU ECANDELO C: (40 ÷ 2)

[20]

AMANQAKU EWONKE (60 ÷ 2)

30

